URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

I-Ofisi yeNtloko yeSebe leMfundo

Isalathiso: 20210406 – 2058
Inombolo yefayili: 4/2/P
Imibuzo Z Mpisi

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0004/2021

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zawo onke amacandelwana namacandelo nakubo bonke abasebenzi beCandelo lezeMali

Isihloko: **UkuDluliswa kwamaGunya ngokwecandelo 44 loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) *(Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)***

1. Le ngcaciso imfutshane ihlaziya iNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweMicimbi yezeMali 0005/2016 yomhla we-16 Septemba 2016.

2. Ngokwesiqendu 44(1) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act) (PFMA), 1999 (Act 1 of 1999*, igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali (*accounting officer*) lesebe linokuthi ngencwadi ebhaliweyo lidlulisele nawaphi na amagunya elithweswe wona okanye adluliselwe kwigosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali ngokomthetho we-*PFMA* (kubandakanywa neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury Regulations)* neMimiselo kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury Regulations*) kwigosa elikwelo sebe okanye liyalele naliphi na igosa kwelo sebe lenze nayiphi na imisebenzi eyabelwe igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali ngokwe-*PFMA* (kubandakanywa neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo).

3. Ngenxa yoku kulapha ngentla, la maxwebhu alandelayo: *Delegations of Powers, 2021 no-Assignment of Responsibilities, 2021,* aqhotyoshelweyo, aqala ukusebenza ukususela ngoku:

4. Ngako oko kutshitshisiwe ukudluliswa kwamagunya owayekhutshwe neNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweMicimbi yezeMali 0005/2016.

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town 8001
tel: +27 21 467 2531

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

5. Ayacelwa onke amagosa ukuba ayilandele mbo le ngcaciso imfutshane nokusetyenziswa kwamagunya adluliselweyo. Nakuphi na ukungathotyelwa okanye ukophulwa kwale miqathango yokudluliselwa kwamagunya, kuya kujongwana nako ngokomgaqo-nkqubo nemigaqo yoluleko esebenzayo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WECANDELO LOLAWULO LWEZEMALI
UMHLA: 2021-04-29